Isalathiso: 20210415-2266
Inombolo yefayili: 12//2/13/6
Imibuzo: A Henriques

INgcaciso eMfutshane yeCandelo loKuxhasa amaZiko ngeziBonelelo: 0002/2021

Iya: KumaSekela Balawuli-Jikelele, kuBalawuli abaziiNtloko, kuBalawuli, kwiiNtloko zoKunika iNkxaso kwiKharityhulam, kuBaphathi beeSekethe, kumaSekela eeNgcali zeMfundo eziziiNtloko, kuBacebisi ngeZifundo nakwiiNqununu zezikolo zikarhulumente eziqhelekileyo

Isihloko: Ifasilithi yokwenza i-odolo ngekhompyutha eyenzelwe uku-odola iincwadi zezifundo zekharityhulam ye-*CAPS* zamaBakala 1 ukuya ku-12

1. Izikolo zaseNtshona Koloni zilindeleke ukuba zinike umfundi obhalisileyo ngamnye incwadi yokufunda eyenzelwe isifundo ngasinye.

2. Ukwenzela ukuqinisekisa ukuba bonke abafundi kwisikolo ngasinye banazo iincwadi zezifundo ezenzelwe isifundo ngasinye ngo-2022, kucelwa iinqununu ukuba:

2.1 zichaze inani elilindelekileyo labafundi abaza kubhaliswa kwibakala ngalinye ngo-2022;

2.2 zenze uqikelelo lwenani elilindelekileyo labafundi abongezelelekileyo ekuqaleni ngo-2022 ngokusekelwe kwindlela ekuqhele ukwenziwa ngayo kwiminyaka edlulileyo yakutshanje;

2.3 ziqinisekise ukuba zonke iincwadi zezifundo ezingasetyenziswanga ezikumagumbi azizitora ngoku zithathelwe ingqalelo; kwaye

2.4 zithathele ingqalelo ireyithi yokugcinwa kweencwadi zezifundo yokuphela konyaka yale minyaka yakutshanje.

3. Ingcaciso ekwingongoma 2 kufuneka isetyenziselwe ukuxhasa i-odolo yokongezelela inani elifunekayo leencwadi zezifundo ukwenzela u-2022.

4. Izikolo ziya kunikwa ithuba elinye kuphela lokuba zenze i-odolo yokongezelela inani elifunekayo leencwadi zezifundo ngo-2021, phakathi kowe-17 nowe-28 Meyi, zisebenzisa ifasilithi yekhompyutha eziyinikwe liSebe leMfundo leNtshona Koloni (*WCED*). Oku kuthetha ukuba izikolo kufuneka zibenexesha lokucwangcisela iimfuno zokongezelela inani elifunekayo leencwadi zezifundo ezenzelwe u-2022, zithathela ingqalelo zonke iimeko ezichazwe kwingongoma 2.

5. Imimiselo nemigangatho yenkxaso-mali yezixhobo ezixhasa ukufunda nokufundisa ezikolweni iya kusetyenziselwa ukuhlawulela ii-odolo zokongezelela inani elifunekayo leencwadi zezifundo neencwadi zezifundo zokukhula kwamanani abafundi ngo-2022.

6. Ziyakhuthazwa izikolo ukuba zigqibe amalungiselelo azo phambi kwethuba lokufakwa kwee-odolo kwikhompyutha nokuba ziqale ukufaka kwikhompyutha inani elifunekayo leencwadi zezifundo ukususela ngosuku ekuvulwe ngalo isistim yekhompyutha ngowe-17 Meyi 2021.

7. Xa ungena kwi-*CEMIS*, khetha i-*option* "*Administration*" kwi-*menu bar* yaye ukhethe u-"*CAPS textbook top-up*" kwilisti eyehlayo. Kuya kuvela imenyu engezantsi (*sub-menu*) eya kwenza ukuba ungene kwisikrini i-*capture screen* kunye nesikhokelo i-"*How to guide*". Ziyakhuthazwa izikolo ukuba ziziqhelanise neekhontenti zesikhokelo i- *How to guide*" phambi kokuba zifake kwikhompyutha ii-odolo zokongezelela inani elifunekayo leencwadi zezifundo.

8. Kucelwa ukhangele kumyalezo wokwamkelwa nesikhokelo *(welcome note and guide)* kwi-*CEMIS* ukuqinisekisa ukuba ngubani na emakudityanwe naye xa kunokubakho nayiphi na ingxaki yokufakwa kwikhompyutha kwee-odolo zokongezelela inani elifunekayo leencwadi zezifundo.

9. Zakuba zingqinisisiwe yaye zasayinelwa yinqununu ii-odolo zekhompyutha, isikolo kufuneka siprinte ikopi eliphepha ye-odolo engqinisisiweyo, siyitshekishe ukuchaneka kwayo yaye siyigcine kwiirekhodi.

10. Apho singafumanekiyo isihloko *(title)* sencwadi kwisistim yokwenza i-odolo, isikolo kufuneka sisebenzise ithemplethi yokwenza i-odolo eqhotyoshelweyo (*Addendum* 1) uku-odola iincwadi zezifundo ezivunyiweyo zekharityhulam ye-*CAPS eziyimfuneko*. Ifom ezalisiweyo ye-odolo kufuneka ingeniswe ngekhompyutha ngqo kuMnu Bernard Stoffels (inombolo yefoni 021 467 2345) ku- Bernard.Stoffels@westerncape.gov.za ungadlulanga owe-28 Meyi 2021.

11. ISebe i*WCED* liqaphele okokuba izikolo ziqhele ukukulandula ukuziswa kwee-odolo ebezenziwe ngokungachanekanga zizikolo, yaye oko kuchaphazela iimeko zezemali zabathengisi. Abathengisi okanye ii-arhente ezizisa iincwadi zezifundo zabo aziyi kunyanzeleka ukuba zibuyisele ii-odolo ezithengiweyo ezichanekileyo. Kukhunjuzwa iinqununu ukuba izikolo zinoxanduva lokuphendula malunga nemali esetyenziselwe ii-

odolo ezenziwe kwi-*CEMIS* kwaye azinakukhetha ukwenza ngenye indlela, ngaphandle kokuba zizamkele iincwadi zezifundo ezizisiweyo ngokungqinelana ne-odolo esemthethweni.

12. Kucelwa wazise ngokuqulethwe yile setyhula kubo bonke abasebenzi abachaphazelekayo ukuze bakuthathele ingqalelo.

ISAYINWE: NGU-MS ABRAHAMS
USEKELA MLAWULI-JIKELELE WOCWANGCISO LWEMFUNDO
UMHLA: 2021-04-23